# iButterworth Hawkers Association Inceda ulutsha

Ngu Mandlakazi Ncwama



Amagosa karhulumente athe anikeza iingcebiso kulutsha



**EGCUWA: Umbutho wabathengisi zitalatweni iButterworth Hawkers Assocication ithathele kuwo uxanduva lokusiphula neengcambu ulwaphulo mthetho phantsi kwedolophu yase Gcuwa kumasipala wase Mnquma, oku sekulithuba kusenzenzeka kodwa ngolwesithathu baye babamba umstitho wokufundisa ulutsha lommandla wase Sikiti kwidolophu yase Gcuwa neendawo ezingqongileyo ukuba bangakwazi ukuphila ngaphandle kobundlobongela.**

Lomsitho ubuzinyanswe ngumasipala waseMnquma, ngamagosa asuka eburhulumenteni inkonzo yesipolisa, isebe lezempilo, isebe lezentlalo yophuhliso yoluntu, C.P.F. Butterworth cluster, Mnquma Women's Forum kwakunye nabahlali abaphuma kwiilokishi ezingqonge iGcuwa ingakumbi ulutsha. Ongunobhala we Butterworth Hawkers Association uAntana uVoyi uthi baqale ngokuthi balontshe iimpempe kunyaka ophelileyo,izinto zatshintsha kulo unyaka babona ukuba mabaphume babakhangele abatsotsi abathi baqhekeze iiContainer zabo zokuthengisela, nezindlu zabantu bebalekela kulelokishi yase Skiti, bathe banendibano enkulu nabahlai bale lokishi bebakhuthaza ekubeni bayeke ukuthenge izinto ezithengiswa ngabanqevu nanjengoko lonto ibakhuthaza ukuba bamoshe nangakumbi. Umama uVoyi uthi oko beliqalile eliphulo lehle kakhulu izinga lobundlobongela, abantu bayakwazi ukuhamba bengenavalo lokuba bazakutsotswa. Enye yezinto athi zingunobangela wobubundlobongela kukuba abantwana kwakunye nabantu abatsha abanto bayenzayo ukuzigcina bematasatasa yiyo lonto bathi babheneele kulwaphulo mthetho. Sithethile nomasipala wathembisa ukuba uzakwenza kangangoko anako ukuzama ukuphuhlisa izakhono zolutsha kulammandla nanjengoko kukho amaqela emixhentso kwakunye nabahlohla iintsimbi nezinye.

# Amapolisa adubule umfundi

Ngu :MpumeleloNogada



uBusisiwe Ntlangano kwisibhedlele saseGcuwa

**GCUWA: Amapolisa aseKomani adume ngokubizwa ngokuba ngaMakomani ebeye kumisa uzinzo kuqhankqalazo lwabafundi baseKing Hintsa kuGatyane kwiveki ephelileyo.**

Abafundi bebeqhuba nephulo labo elingu ndabamlonyeni i-#feesmustfall nalapho bakhalazela lekholeji ngokungavelani nabo ngemali yentlawulo yeendleko zemfundo kubafundi bethutyana nabobexesha elaneleyo kule kholeji. Nto leyo bathi ithande ukubanika uxinzelelo abafundi bethutyana nabade babekelwe imiqathango eqamangelana malungelo abo.

Iingxelo zithi bebengungelene kwicampus yakuGatyane ngethuba kugaleleka amapolisa akuKomani yaye lamapolisa anendumasi yokuphum'izandla kumsebenzi wawo wokudambisa udushe kulo mmandla kwakunye neendawo ezingqongileyo xa kuthe kwakhona iintshukumo ezifana nezi . Inkoliso yawo isebenzisa izintywizisi kwakunye noosingambumbulu nezinye izixhobo ezingena bungozi buxhomisa amehlo kubantu abaqhankqalaza ngokunxamnye nomthetho.Kweli ityeli umsebenzi wala mapolisa uphume nadlolwazana emveni kokuba ethe avulela ngeembumbulu aze achana uBusisiwe Ntlangano emlenzeni oneminyaka engamashumi amabini anesibini labafundi ebelime kwakufutshane nesikolo. Olu dubulo lube sezinyaweni zomonakalo owenziwe ngabafundi kumagumbi okufundela nalapho baxhabashe khona abakwantsasana ukuya kuhlangula umonakalo. Uhlangulo lwabo lujike lwayincindi yekhala xa uBusisiwe esopha umtyangampo wegazi kubonakala ukuba wonzakele ngokubanzi .

Ozibonele ngawakhe kulentlekele nongafunanga kuchazwa uthe elinye lamapolisa liyalele ukuba makudutyulwe isiqhu sabafundi ebesingaseventkileni ebizwa ngokuba kuseMthini, kwadutyulwa kwachanwa lentwazana. "Andikhange ndizive intlungu kwangelaxesha bendidutyulwa, ndibone ngegazi ukuba ndonzakele ze ndathathwa ndaziswa apha kengoku," utshilo uBusisiwe esesibhedlele. "Andikafumani nyango kuba ayikakhutshwa imbumbulu apha emlenzeni kuthiwe mandilinde ndizodluliselwa eMonti yaye andiyazi ukuba yinto yanini leyo kuba kudala ndilapha," udandalaze watsho uBusisiwe nogqiba iveki sithethanje esesibhedlele ngaphandle konyango kumlenze wakhe.

Ukwathe uzakufaka isimangalo emapoliseni mhla aphumayo esibhedlele kuba ubungqina obubhaliweyo busesezandleni zikaGqirha. Isithethi samapolisa ale dolophu kwakunye neendawo ezingqongileyo ukhapteni Jackson Manatha uthe ngenxa yokuba besalinde isimangalo abanakuphendula ngento ingaziwa naziOfisi zephondo.

Emveni kotyelelo lwamalungu esikhokhelo sabafundi iSRC kwakunye nojongene nenkxaso kwakunye neenkonzo zabafundi eKing Hintsa uPhumla Toboti bathembise ukuba bazakulithatha ixhoba balise kwesinye isibhedlele ukuze lizofumana unyango ngokukhawuleza. Ngenxa yokungawuphenduli kwakhe umnxeba we-ofisi uToboti ziphanzile iinzame zethu zokumfumana.

**ISAZISO SENJONGO YOKUFAKA ISICELO SEMVUME YOKWEMBIWA KWEMIZIMBA KWAYE INGCWATYWE KWAKHONA KUMANGCWABA AKWIPROPATI ENEENTAMBO ZOMBANE ZE-EROS VUYANI NEPTUNE 400 KV**

Ngale ndlela kunikwa isaziso sokuba i-Eskom Holdings SOC Limited, HCAC ne-AVBOB baneenjongo zokufaka isicelo sokwembiwa kwemizimba kunye nokufudiuswa kwamangcwaba awaziwayo ami kwipropati eneentambo zombane ze-Eros Vuyani Neptune 400 kV ngokwalo mthetho ulandelayo:

- ICandelo lama-35 nelama-36 (5) lomThetho wemiThombo yaMafa eSizwe (umThetho oyiNombolo yama-25 ka-1999);
- ICandelo le-2 (1) lomThetho wokuSuswa kwamaNgcwaba nemizimba yabangasekhoyo (umThetho oyinombolo yesi-7 ka-1925);
- UmThetho wokweMbiwa koMzimba (umThetho oyinombolo ye-12 ka-1980);
- UmThetho weMpilo weSizwe, wama-61 ka- 2003;
- UmThetho wamaNgcwaba, ukuTshiswa kweMizimba yabaSwelekileyo kunye nokweMbiwa kweMizimba yabaSwelekileyo (oyiNombolo yesi-8 ka- 2005).

Amangcwaba afuduswa ngenxa yokuba iintsapho zazifuduselwe ukwakhiwa kwentambo zombane. Iidolophu ezichaphazelekayo zezi: Imimandla yase-Harding, Bizane, Lusikisiki, Flagstaff (Bala, Xopozo, Siphaqeni, Nkozo naseBisana), Libode, Ngqeleni, (Nohlutha/ Ntsilekane), Gcuwa (Bonkolo, Egungululu / Idutwa naseMasaleleni) ngokunjalo nase-Idutywa (Ludondolo, Umgagasi naKwantsana).

Izicelo zemvume ezifunwayo ziza kungeniswa kwi-Arhente yeMithombo yaMafa yoMzantsi Afrika (South African Heritage Resources Agency) (SAHRA) okanye kwi-arhente yayo esemthethweni yephondo (AMAFA ne-ECPRHA), iSebe lezeMpilo lePhondo kunye ne-Ofisi yeNkulumbuso yePhondo kunye noMasipala weNgingqi ngokunjalo no/oomasipala lowo(abo) amangcwaba liza(aza) kufuduselwa kuwo(bo), ukuba kuyafuneka. UMnu Jaco van der Walt (HCAC) & Mnu. Nantie Croucamp (AVBOB) baya kuba noxanduva lwenkqubo yesicelo semvume.

**Njengenxenye yenkqubo yesicelo, kufunwa ukuba sichonge kwaye sidibane nosapho/inzala yamangcwaba achaphazelekayo. Singathanda ukucela ukuba nabaphi na abantu (usapho/inzala okanye abahlobo) abanalo naluphi ulwazi ngala mangcwaba kwaye abanqwenela ukunika ulwazi ngokuphathelene noku bancede baqhagamshelane nalo mntu ulandelayo ngeenkcukacha kunye nolwazi ngamangcwaba:**

**Chris Le Roux, I-imeyile: chrisleroux60@gmail.com.**
**Iselula: 084 609 2881. Idilesi: PO Box 12158, Clubview, 0014.**

**NCEDA UQINISEKISE UKUBA SOWUPHENDULE KWESI SAZISO NGOWE-16 Septemba 2016**

Egameni le-Eskom Holdings SOC Limited

BRIDGING CASH
while waiting for
PENSION/ PACKAGE
Payout (Lumpsum only)
Tel: 043 722 0980
EL: 076 475 2818
KWT: 071 689 0625

MARLAN NAIDOO & PARTNERS
ONGQONDONGQONDO BAMAGQWETHA
Amagqwetha anceda xa wake walimala engozini yemoto
- Banceda ngesibonelelo kubantu abalinyazwa kungakhathali kwesibhedlela
- Njengokulimala ubeleka - uzala umntwana
- Ukulinyazwa yi-drip

Qhagamshelana nathi kwezinamba
031 404 7264
Cell: 083 208 0911 / 063 185 0975
Ungathumela umyalezo okanye imbalelwano ku whatsapp